
UThandiwe noFumane ngabelusi. Basoloko besisa iibhokhwe emadlelweni.





UFumane ukhwela inkunzi yebhokhwe.

UThandiwe uhleka abhukuleke.





Ibhokhwe iyabaleka.



UFumane uyawa.

UThandiwe uxhalabile ucinga uFumane wonzakele.





Chapha, chapha, chapha!
Yaqalisa yanetha imvula esawile enjalo.

UThandiwe waphakamisa uFumani baqhubela iibhokhwe ekhaya. Bahamba badlula kumsele.



Enye kwiibhokhwe yawela emseleni. Bazama ukuyitsala boyisakala.



UFumane ukhulule ingubo yakhe wangena emseleni.





Bobabini basongela ibhokhwe ngengubo bayitsala



Baphume emseleni bemanzi kakhulu.

Bagoduka bephethe ibhokhwe ngengubo.

